


# Motivated to read

**We know that reading lots of books helps to make children better readers. We also know that to spend a lot of time reading and to keep reading throughout your life, you've got to *want* to read!**

If we want to get our children reading and then keep them reading, it's really helpful to understand what motivates them to read. To find this out, researchers most often observe children's reading behaviour and/or talk to their teachers. Surprisingly, very few researchers actually speak to children themselves, but here is what the children (aged 9 and 10) in one study conducted by Kathryn Edmunds and Kathryn Bauserman said about books and reading. The children said that:

- they were more likely to read a book that they had chosen, than a book chosen for them by a teacher or parent.
- they liked books that matched their personal interests.
- they were more likely to choose books that have exciting covers and action-packed plots, as well as books that are funny or scary, and have great illustrations.
- their interest in reading was sparked and encouraged by their family members (especially their mothers), teachers and friends.
- most of the books they read came from a library.
- libraries gave them the opportunity to look at lots of different books before choosing the ones they wanted to read.
- they often found out about books they might want to read by talking to their friends.
- they motivated themselves to read – once they'd caught the reading bug, they just wanted to keep reading!
- they enjoyed being read to by family members and teachers, even though they could already read!

So, what does this mean we need to do?

- Make sure that our children have access to lots of different books. Children who can get books more easily, read more. Take your children to the library and, when you can, buy books for them.
- Let them choose their own books.
- Speak to your children about books and read to them, no matter their age.
- Encourage them to speak to other children about books. Let them join an existing reading club or start one of your own!

**Looking for stories to share anywhere, anytime? Visit www.nalibali.mobi for stories in six South African languages to enjoy with the children in your life.**




**Ingaba ukhangela amabali eninokwabelana ngawo naphi na nanini na? Ndwendwela ku-www.nalibali.mobi ufumane amabali ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika uze uwonwabele nabantwana abasebomini bakho.**

# Ukukhuthalela ukufunda

**Siyazi ukuba ukufunda iincwadi ezininzi kunceda abantwana babe ngabafundi abangcono. Kananjalo siyazi ukuba ukuze ube nexesha olichithela ekufundeni kwaye uzigcine ngokufunda ubomi bakho bonke, kufuneka ukufune ukufunda!**

Ukuba sifuna abantwana bethu bafunde kwaye sibagcine befunda, kungaluncedo kakhulu ukuqonda ukuba yintoni ebaphembelela ukuba bafunde. Ukuze kubekho into eyaziwayo ngoku, kumaxesha amaninzi abaphandi bajonga indlela abantwana abaziphatha ngayo ngokunxulumene nokufunda kwaye bethetha nootitshala babo ngoku. Okothusayo kukuba bambalwa kakhulu abaphandi abaye bathethe nabantwana ngqo, kodwa ke naku okwathethwa ngabantwana (abaneminyaka eli-9 neli-10) kolunye uphando olwenziwa nguKathryn Edmunds noKathryn Bauserman malunga neencwadi kunye nokufunda. Aba bantwana bathi:

- maninzi amathuba okuba bangayifunda incwadi abazikhethele yona kunencwadi abayikhethelwe ngutitshala okanye umzali.
- bathanda iincwadi ezihambisana nemidla yabo nezinto abazithandayo.
- maninzi amathuba okuba bangakhetha iincwadi ezinamaqweqwe avuselelayo nezinezakhiwo ezineziganeko ezininzi, kwakunye neencwadi ezihlekisayo okanye ezoyikisayo, kwanezinemifanekiso emihle kakhulu.
- umdla wabo wokufunda uvuselelwa kwaye ukhuthazwa ngamalungu eentsapho zabo (ingakumbi oomama babo), ootitshala kunye nabahlobo.
- uninzi lweencwadi abazifundileyo bazifumane kwithala leencwadi.
- amathala eencwadi abanike ithuba lokujonga iincwadi ezininzi nezohlukileyo phambi kokuba bakhethe ezo bafuna ukuzifunda.
- basoloko befumanisa malunga neencwadi abangathanda ukuzifunda ngokuncokola nabahlobo babo.
- bazikhuthaze ngokwabo ukuba bafunde – xa uthe waqala ukuvuseleleka umdla wabo wokufunda, bafuna ukusoloko befunda ngalo lonke ixesha!
- bayakonwabela ukufundelwa ngamalungu eentsapho zabo nangootitshala, nangona sele bekwazi ukuzifundelangokwabo!

Ngoko ke, oku kuthetha ukuba kufuneka senze ntoni?

- Masiqinisekise ukuba abantwana bethu bayakwazi ukufikelela kwiincwadi ezininzi nezohlukileyo. Abantwana ekulula kubo ukufumana iincwadi ezininzi, ngabona bafunda kakhulu. Hamba nabantwana bakho niye kwithala leencwadi uze, xa unakho, ubathengele iincwadi.
- Bavumele bazikhethele iincwadi zabo ngokwabo.
- Ncokola nabantwana bakho ngeencwadi kwaye ubafundele, akukhathaliseki nokuba badala kangakanani.
- Bakhuthaze ukuba bancokole nabanye abantwana ngeencwadi. Bavumele ukuba bazibandakanye neklabhu yokufunda esele ikhona okanye uqale eyakho!


Drive your imagination

Read to me. Never too early. Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha. Lingasokuze likushiye nanini na.

Nal'ibali
It starts with a story...



This supplement is available during term times in the following Times Media newspapers: *The Times* in the Western Cape, *The Sowetan* in the Free State, Gauteng and KwaZulu-Natal, *The Daily Dispatch* and *The Herald* in the Eastern Cape.

# The witch who lives on the hill

# Igqwirhakazi elihlala egedukeni




Lauri Kubuitsile
Vian Oelofsen


HEARTLINES

This is a story about facing your fears, accepting differences and having compassion.

HEARTLINES

For copies of *Heartlines' Stories that Talk* (in all 11 languages), and *Stories that Talk 2* (English only) please email orders@heartlines.org.za or phone (011) 771 2540.




Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi

Nal'ibali

It starts with a story.

INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

Drive your imagination

Fold





Fold

I shouted, but it was too late. Shumba had run up the hill, past the gate of Mma Raphane's house, along a thin path, and in through the front door.

"Oh no! Shumba went into the witch's house!" Gabriel cried. "He's dead for sure."

"Shumba!" I shouted again. Tears began to form in my eyes. I knew Shumba was doomed! The witch would kill him and cut him up into little pieces for her potions. I stood at the gate trying to think what I could do.

Ndamkhwaza, kodwa ndandisele ndishiywe lixesha. UShumba wabaleka wenyuka igeduka, wangena esangweni eliphambi kwendlu kaMma Raphane, wankcunkca ngendledlana encinane ukuya kungena kumnyango ongaphambili.

"Owu madoda! UShumba ungene endlwini yegqwirhakazi!" wakhala watsho uGabriel. "Ngokuqinisekileyo ungofileyo ngoku."

"Shumba!" ndakhwaza kwakhona. Amehlo am agwantya iinyembezi. Ndandisazi ukuba uShumba ukwantsonga-nyawana. Igqwirhakazi laliza kumbulala lize limnqunqe abe ngamaqathana ukuze limfake emayezeni alo. Ndema esangweni ndizama ukucinga ukuba yintoni na endingayenza.

Just then I saw someone push the door open and my heart pounded! Then Shumba came running out. I grabbed him and hugged him. He was safe!

When I looked up, an old woman stood on the small stoep in front of the house. She was bent over and leaning hard on a cane. Her grey hair was tucked away tidily. I looked into her eyes and I was surprised nothing changed inside of me. "Thank you," I said.



Mma Raphane smiled at me. "That dog seems a handful for a small girl like you."

"Sorry he troubled you," I said.

She smiled sadly, but said nothing more. She turned and made her way back into the house.

Gabriel and I headed home down the hill. We'd forgotten about hunting. "She doesn't look anything like a witch," Gabriel said.

"Yes, I know. I don't think she's a witch. I think Peloyame and the others made it up," I said.

Now I felt really bad about the way the children in the village had been treating Mma Raphane for so long. I felt bad that I'd been part of it too. Just then a plan began to form in my head. "I think I know what we can do to make things better!"



Fold

Ngosuku olulandelayo, umhlobo wam osenyongweni, uGabriel, kunye nam sathatha iintolo nezaphetha zethu saya kwihlathi elingaphesheya kwegeduka sisiya kuzingela. "Ingaba uShumba uza kuhamba nathi?" kubuza uGabriel eqwalasele inja yam enkulu emnyama.

"Ngokuqinisekileyo, utsho ngoba? Uyakuthanda ukuzingela," ndatsho.

"Kodwa usoloko ezothusa zibaleke izilwanyana."

Andizange ndimhoye uGabriel. Wayesazi ukuba iintolo nezaphetha zethu yayizizinto nje ezingenakho nokubulala nantoni na kakade, nokuba uShumba akakho.

Lo gama sasinyuka igeduka, ndandingacingi ngendlu yegqwirhakazi. Kodwa ke, uShumba yena wayecinga ngayo ...





We hid behind the hedge, Peloyame, Kitso and me, all breathing hard. "Did you see her?" Peloyame asked breathless.

"Yeah, she's scary," I said, though I hadn't really seen her. But I didn't need to. Everyone knew what Mma Raphane looked like. She had wild grey hair and was tall and bony-thin, with elbows that could cut straight through a person. If you looked into her eyes, you would be turned into a zombie. Many children had. We all knew that.

"She poked her head out of the door when I threw the stone, did you see?" Kitso said excitedly. "My cousin said she ate his cat."

"Yeah, she does that sometimes," Peloyame said nodding her head. Peloyame knew everything there was to know about Mma Raphane, the witch.







Sabulela saze sahlala phantsi sasela. Abanye abantwana basibukela okwethutyana, baze bangena eyadini, ngabanye ngabanye. Bathatha izixhobo zethu baza bancedisa besebenza beqala apho besiyeke khona.

UPeloyame wema ecingweni esele yedwa. "Hee? Nenza ntoni bafondini? Ligqwirhakazi elo! Ingaba niyilibele loo nto?" Wonke ubani akazange amhoye uPeloyame. Ngoko ke, wakhaba umhlaba namatye waza wahamba wemka enomsindo.

UMma Raphane wabajonga bonke abantwana ababembaleka ixesha elide. Wajonga kuGabriel nakum. Amehlo akhe ayegqwantye iinyembezi. "Enkosi," watsho ngelizwi elirhwexayo. Wasincumela njengokuba sasihleli phantsi esitupini sakhe sisela amanzi.

Kanye ngaloo mzuzu ndabona umntu evula ucango ndaza ndafikelwa luvalo ngeyona ndlela! Emva koko uShumba wathi gqi ebaleka. Ndamthi nqaku ndamanga. Wayesaphila!

Ukuphakamisa kwam amehlo, ndabona ixhegokazi elalimi esituphini phambi kwendlu. Laligobile kwaye lalisimelela. Iinwele zalo ezinezimvi zazichazwe ngobunono zabotshwa kakuhle. Ndalijonga emehlweni ndaze ndamangaliswa kukuba kungazange kwabakho nto itshintshayo ngaphakathi kum. "Enkosi," ndatsho.

UMma Raphane wandincumela. "Loo nja ikhangeleka ingumthwalo kwintombazana encinane engangawe."

"Ndicela uxolo ngokuba ikuhluphile," ndatsho.

Wandincumela kalusizi, kodwa akazange aphinde athethe nto. Waguquka waza waphindela endlwini.

Mna noGabriel sehlisa igeduka sigoduka. Sasilibele tu ngokuzingela. "Akakhangeleki ngokungathi liqgwirhakazi konke," watsho uGabriel.

"Ewe, ndiyazi. Andiqondi ukuba liqgwirhakazi. Ndicinga ukuba uPeloyame nabanye abantu bayamcingela nje," nditshilo.

Ngoku ndandikhathazeke ngokwenene yindlela embi abantwana baselalini ababemphethe ngayo ixesha elide uMma Raphane. Ndeva kakubi kakhulu kuba nam ndandiyinxalenye yaloo ndlela ingalunganga. Kanye ngaloo mzuzu kwabakho ingcinga ethi qatha kum. "Ndicinga ukuba ndiyazi ukuba singenza ntoni na ukulungisa izinto!"





The next day, my best friend, Gabriel, and I took our bows and arrows and headed up to the bush behind the hill to go hunting. "Is Shumba coming with us?" Gabriel asked looking down at my big black dog.

"Sure, why not? He likes hunting," I said.

"But he always scares the animals away."

I ignored Gabriel. He knew that our bows couldn't kill anything anyway, even without Shumba.

As we climbed the hill, I wasn't thinking about the witch's house. But Shumba was...




We thanked her and sat down to drink. The other children watched us for some time, and then they came into the yard, one by one. They picked up our tools and got to work where we had left off.

Peloyame stood at the fence alone. "Hey? What are you guys doing? She's a witch! Have you forgotten?" Everyone ignored Peloyame. So she kicked the ground and walked away angrily.

Mma Raphane looked at the children who had run from her for so long. She turned to Gabriel and me. There were tears in her eyes. "Thank you," she said in a scratchy whisper. She smiled down at us as we sat drinking water on her stoep.








Sazimela emva kweheji, uPeloyame, uKitso kunye nam, sonke sikhefuzela. "Umbonile?" uPeloyame wabuza emaphikana.

"Ewe, uyoyikeka," ndatsho, nangona ndingakhange ndimbone nokumbona. Kodwa ke, kwakungekho mfuneko yakumbona. Wonke ubani wayeyazi indlela akhangeleka ngayo uMma Raphane. Wayenezimvi ezidlakadlaka kwaye wayemde ebhitye engamathambo, eneengqiniba ezitsolo ezingathi zingakuhlaba zikugqobhoze. Xa uthe wamjonga emehlweni, uyakuguquka ube sisithunzela. Abantwana abaninzi baguquka baba zizithunzela. Sonke sasiyazi loo nto.

"Uye wakroba emnyango ndakuba ndigibisele ilitye, umbonile?" UKitso watsho echulumancile. "Umzala wam uthi ikati yakhe yatyiwa nguMma Raphane."

"Ewe, uyakwenza oko ngamanye amaxesha," uPeloyame utshilo enqwala intloko. UPeloyame wayesazi konke umntu anakho ukwazi ngoMma Raphane, oligqwirhakazi.



Ndajonga kuloo ndlu yayithe ngcu egedukeni. Ipeyinti yayo exobukayo epinki yayimfiliba kwelo langa lishushu laseBotswana. Ingca yayilifusi ukuba nde eyadini yakhe. Nantoni na yayisenokuzimela kuloo ngca. Ndahlasimla kwangoko, ndihanjelwa ngumzimba.

Ndaguquka ndajonga kuPeloyame. Wayecacisela uKitso indlela amagqwirhakazi afana noMma Raphane azisebenzisa ngayo iikati ezibiweyo ukomeleza amandla amayeza awo. Ixesha lalimkile. Ndandisazi ukuba ndiza kuba sengxakini ukuba andigodukanga ngaloo mzuzu. “Mamelani, zihlobo, kufuneka ndihambile!” Ndabashiya kuloo heji besaxakeke yincoko yabo engamagqwirha.





I looked at the house up on the hill. Its pink peeling paint fading in the hot Botswana sun. Tall grass filled the yard. Anything could be hiding in that grass. A shiver ran down my spine.

I turned to Peloyame. She was explaining to Kitso how witches like Mma Raphane used stolen cats in their powerful medicine. It was getting late. I knew I'd be in trouble if I didn't get home. “Listen, guys, I have to go!” I left them in the hedge busy with their witch talk.

We collected spades and rakes and headed back up the hill. Gabriel and I knocked quietly on the door. We had a short talk with Mma Raphane. Then we started clearing the long, dried grass in the yard. As we worked, other children came to stand along the fence. They stared at us, but kept silent.

Peloyame came too. She saw me and shouted, “Tebogo, are you crazy? Aren't you afraid of the witch?”

“She's not a witch!” Gabriel shouted back angrily.

Just then Mma Raphane came out with two glasses of cool water.

Saqokelela imihlakulo neeharika saze saphinda sanyuka igeduka. Mna noGabriel sankqonkqoza kancinane. Saba nencoko emfutshane noMma Raphane. Emva koko saqalisa ukutshenta loo ngca inde yomileyo eyadini yakhe. Njengokuba sasisebenza, abanye abantwana beza kuma ecingweni babukela. Basijonga nje, kodwa zange bathethe.

UPeloyame naye weza kubukela. Wandibona waze wandikhwaza, “Tebogo, uphambene? Akuloyiki igqwirhakazi?”

“Akalogqwirhakazi!” uGabriel wakhwaza ephendula ngomsindo.

Kanye ngaloo mzuzu uMma Raphane wavela ephethe iiglasi ezimbini zamanzi abandayo.

